



**Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu**

Isiqinisekiso 1

Isihloko sesifundo: Ibhayibhile yam

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi “**Ibhayibhile yam**”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kuzenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neependulo, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongezwayo / sisixhobo esongezelwayo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uk....)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Isihloko seSifundo	Ibhayibhile yam
Imibhalo yeBhayibhile	Izifundo zeBhayibhile zibhalwe kwisishwankathelo apha ngezantsi
Injongo yesifundo	Abantwana bafunda ukwazi ubume beBhayibhile eNgcwele kunye nexabiso layo. Banokusebenzisa iBhayibhile ukuze bancede ubomi babo bobuqu bokholo.

Isishwankathelo sesifundo:

1. Ibhayibhile sisiseko semfundiso ebandleni lethu

- Isixelela ngexesha elidlulileyo, izisa intuthuzelo nolwazi kwixesha langoku kwaye ityhila ikamva.
- Yonke into esiyifundiswayo ebandleni lethu isekelwe eBhayibhileni (Isibhalo).
- Akukho nto kwimfundiso yethu enokuphikisana nesiBhalo esiNgcwele.

2. UMoya oyiNgcwele usanceda ukuba siyiqonde iBhayibhile

- Ibhayibhile eNgcwele (isiBhalo esingcwele) iphefumlelwe nguMoya oyiNgcwele.
- Ukuthanda kukaThixo, kwaye ke nayo iBhayibhile, inako ukuqondwa kuphela ngokomsebenzi kaMoya oyiNgcwele. **(1 Korinte 2: 10-12)**
- Njengezicaka zikaKrestu namagosa eemfihlelo zikaThixo” **(1 Korinte 4: 1)**, abaPostile nabo bathunywe ukuba batolike iZibhalo eziNgcwele.

3. Ukubaluleka kweBhayibhile kuthi nendima yayo kubomi bethu bemihla ngemihla

- Ngokufunda iBhayibhile sandisa ulwazi lwethu kunye nokuqonda malunga necebo likaThixo losindiso.
- UMoya oyiNgcwele unako ukusanceda ukuba siqonde okuninzi koko sikufunda eBhayibhileni kwaye ukuba asiyiqondi, singabuza kwiinkokheli zethu.
- UThixo unako ukusinika impendulo kumbuzo ngokusuka kumqolo weBhayibhile.
- NgeBhayibhile, uThixo uanko ukusithuzela (iNdumiso 23), unako ukusinika amandla **(Efese 3: 14-17)** kwaye asibonise ukuba uyasithanda **(Yohane 14:21)**.



Ubume beBhayibhile

ITESTAMENTE ENDALA	ITESTAMENTE ENTSHA
17 lincwadi zembali	5 lincwadi zembali
5 lincwadi zeMfundiso	21 lincwadi zeMfundiso
17 lincwadi zeziprofeto	1 lincwadi yesiProfeto
15 lincwadi ezingaphefumlelwanga	

- **ITestamente Endala** imalunga:
 - Ibali leNdalo
 - Uphuhliso nembali yabantu bakwaSirayeli
 - lincwadi zeMfundiso nezeziProfeto ukususela phambi kwixesha lokuzalwa kukaYesu.
- **ITestamente Entsha** igcine iingxelo malunga:
 - Uxanduxa woMsebenzi kaYesu Krestu nabaPostile baKhe,
 - lincwadi zabaPostile eziya kumabandla ebandla lokuqala,
 - Isityhilelo sikaYesu Krestu
- IApocrypha (izibhalo ezifihlakeleyo) yimibhalo yeTestamente eNdala eyaqala ukubakho phakathi kwenkulungwane yesi 3 neye 2 BC (Phambi kokuzalwa kukaKrestu). Le mibhalo yenza ikhonkco (into ebophelelayo) phakathi kweTestamente eNdala neTestamente eNtsha kwaye ingafunyanwa phakathi kweTestamente eNdala neNtsha kwiNew King James Version yeBhayibhile.

NAM NDIYAFUNA UKU... ukusebenzisa iBhayibhile yam! Ndinomnqweno wokufunda iBhayibhile yam yonke imihla!

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- IBhayibhile sisiseko semfundiso neemfundiso zebandla lethu.
- UMoya oyiNgcwele usinceda ukuba siyiqonde iBhayibhile.
- IBhayibhile isinika ukuqonda ngecebo sikaThixo sosindiso.
- Ndifuna ukusebenzisa iBhayibhile yam ukuze ndikhule elwazini nasekuqondeni inkolo yam.



Le yimibuzo neempendulo ezikwincwadi yomsebenzi:

1. Zifumaneka kweziphi iincwadi iingxelo ezingokuzalwa, ukufa nokuvuka kweNkosi uYesu?

Impendulo: Kwiincwadi zeVangeli ngokubhalwa nguMateyu, uMarko, uLuka noYohane

2. Yeyiphi incwadi ebalula iziganeko ezilandela uvuko lukaYesu Krestu nomsebenzi wabaPostile bokuqala?

Impendulo: ZiZenzo zabaPostile

3. Zeziphi iivesi kuYona 2 ezichaza indlela uYona awayethandaza ngayo kuThixo esiswini sentlanzi?

Impendulo: Iivesi 3 -10

4. Zeziphi iziganeko ekubhekiswa kule miqolo ilandelayo kwiBhayibhile?

Impendulo: NguYohane 14: 3 Ukubuya kukaKristu.

1 Tesalonika 4: 15-17 Ukuguqulwa kwabaphilayo kunye novuko
lwabafileyo xa iNkosi ibuya.

Zeenzo 1: 9-11 Ukunyuka kweNkosi uYesu kunye nesithembiso
sokubuya kwayo

IsiTyhilelo 19: 7 Umtshato weMvana.

5. Ngawaphi amadoda kaThixo akhankanyiweyo kwezi ndawo zilandelayo zeBhayibhile?

Impendulo: Genesis 39: 9 Yosefu

Eksodus 19:24 Moses

Abagwebi 7: 19-22 Gidiyon

1 Kumkani 19: 5-8 Eliya

6. Funda iSityhilelo 1: 1-3 uze uphendule le mibuzo ilandelayo:

Impendulo: Ngubani owafumana isityhilelo? NguYohane.

SisiTyhilelo sikabani? SesikaYesu Krestu'.

Sahanjiswe ngubani? Ngenye yeengelosi zakhe.

Ibhokisa entweni na le ncwadi? Iziganeko eziza kwenzeka kamsinya.



Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen